

116

Amasiko aba Thebu.

K11/28

1  
22

Ukuzeka no kwendisa.

1  
Eli lisiko linye kuba apho kuzekwayo ngumbana, intombi ke yona iyenda. Aaba kulo soka bayezeka, aba kulo intombi bayendisa.

Umfana, kudala, ubedla ngokuzekelwa nguyise, <sup>no</sup> kuba umfana uyayazi nokuba akayazi intombi ethandwe nguyise. Isiko belisithi umfazi ngoka yise umntu okhuphe iinkomo. Umyeni womfazi ube engena kumgxotha umfazi ngaphandle kwemvume kayise, uyise namawabo babe yinkundla anakamangale kuyo umfazi nokuba yindoda yakhe ezingxabanweni zabo.

2  
Ukuba nguyise wesoka othandwe intombi ka nantsi, abafike batha bathunywe ngu Somfana ukuba bazokumcelela ukuzalwa ngu nantsi lowo ngonyana wakhe. Ukube ke u Sontombi akakholwa nguazi nokuba lisoka elo lika Somfana, uye alandula athi akanantombi esitsho nokuba iyaziwa ukuba ikho nokuba ibe iselitynjiwe ngu Somfana. Ukuthi kwakhe akanantombi kuyaziwa ukuba kuthetha ukuthi uyamala u Sontombi. Ukuba uyakholwa ukuwendisela uantwana wakhe kweloo soka uye athi makunyaniswe. Abathunywa baka Somfana ekuthiwa ngoonozaku-zaku baye bakhuphe ngomlomo inkomo ibenye mhlawunbi zibe mbini njalo Sakukhutshwa ke isinyaniso uSontombi uye athi "Ndiyeza" ilizwi ke elo elithi u Somfana makalindele ukufika ko duli.

Maxa wambi iba ngu Sontombi onqwenela ukwendisela intombi yakhe kumfo onesoka (somfana) Usuke ke athume owakhe unozokazaku ofika athi uthunywa ngu Sontombi ukuba ezise umkhonto (ngezimini ayisengo mkhonto nyani, sekusiswa i-ponti). Ukuba u Somfana uyakholwa ngu sontombi nayintombi yakhe ukuba ngaba wayekhe wayibona uyawamkela umkhonto. Ukuba akakholwa akawa. ikeli. Uyalandula athi ~~asa~~ akananyana wokwelamana ngaye no Sontombi. Wakwamkelwa ke umkhonto u-Sontombi usa uduli.

Uduli - Ngalo lonke elixesha kwenziwa eziziqalo zokwendiselana intombi ayazi nto konke. Izonwabele nje. Conina bona kudala balalisa ukwenza impahla yokwendisa enje ngesithebe, iinkuko,

iintlazo nemitshayelo. Ihla lundulukayo uduli, intombazana iyalelwa ukuba ingemki iye kwezinye iintombi njengesiqhelo. Ihlaliswa ekhaya. Kuyaxhelwa i-rufa nokuba yibokhe, unncamo ve-

ntombazana. Kunylwa amadoda namankazana. Mhla lundulukayo u duli, intombazana iyalelwa ukuba ingemki iye kwezinye iintombi njengesiqhelo. Ihlaliswa ekhaya.

Kuyaxhelwa igusha nokuba yibokhwe, umnchamo wentombazana.

3 Kunjulwa amadoda namankazana/azakuya kwendisa amankazana azi ndidi ezimbini kukho la azintombi esezindile abizwa ke ngokuthiwa nga madikazi. Kukho la azintombi ezing kendi ekuthiwa ke ziintombi. Amadikazi umsebenzi wawo kukupheka nokulungiselela intombi ezi. Iintombi zihambela ukuya kuquna leyo yendayo. Zifike nazo zigungxe zibinqe izikhakka ezide njengayo; ziceze nazo enkundleni njengayo. Xa ubona uduli awunakuahlula oyena ungu-  
mtshakazi ngaphandle kokuba uqwalasele ukuba ubone onxibe izikhakha ezitsha. Amantombazana wona abolekelwa izikhakha yena umtshakazi wenzelwa ezitsha. Yonke into yakhe iba ntsha.

Kwakuba kugqityiwe ukutyiwa umnchamo intombazana eyakwendiswa iyabizwa ingeniswe endlini, amadoda amakhulu asekhaya apha ayayiyala. Ayayixelela ukuba ayakuyendisa. Ayayixelela ukuba aliqali ngayo eli siko, ikho nje nonina weza ngoluhlobo isiwa ngalo emzini. Iza iba khonzele, ikulame isebenze iba nobubele. Amadoda lawo ayichzela zonke iindlela eyakuthi ngazo ulwendo lwayo luphumelele.

4 Emveni kokuyalwa iyaqhutywa. Ithi ukuba iyala inyanzelwe ngamagunya eentonga. Akukhathaleki nokuba iyakwendiselwa esilimeni/mhlawumbi exhegweni elingaphambili nakuyise kufuneka ilulame ihambe, iyakhwenda ukuba iyintombi enesimilo sokukhonela abazali. Loonto igqitywe ngabazali ngumthetho kuyo.

U Duli luhambela ukuze lufike ngoratya. Lufike luhlale entla-komzi lumane lukhohlela ukuvakalisa ukuba kukho abantu. u Somfana uthuma abantu bokubuza ukuba bangabantu baphina besiyaphina. Baye bathi ukupedula bavela ekuthini besinga ekuthini, batsho bebala iindawo ezikude. Baye ke bathi bacela indawo yokulalisa.

Bathi besakuvunyelwa bacele nendawo yokuxhelela umphako wabo ukuba ngaba beqhuba impothulu. Ekuseni bavuka bayixhele bathi bakuba beyihlinzile bashiye isiqingatha salenkomo ebuhlanti sigqunywe ngesikhumba. Esisiqingatha licala eliphiwa ekhaya apha ziindwendwe kuloo mphako wazo.

4 5 Ukuba ayizanga intombi iqhuba impothulo uye umntu wakulo soka ebusuku athabethe isimba lobulongwe alibeke emnyango wendlu yo duli. Akulibona amankazana namantombazana akanandlela yokubuya aphume. Avellewe e tolongweni. Usuku kwa-oko umntu cyi-ndoda wase ludulini aphindele / ekhaya ayokuphuthuma inkomo ye mpothulo. Kodwa ke ingabizwa nguSomfana lenkomo yempothulo uthetha ukuthi sele kulungele ukulobola inani elakumanelisa u Sontombi.

Emva kwexesha uduli lukho kufika imini yokuba lubonwe. Ziya ngandwa iinkomo zibe lapha. Luyaphuma lukhokelwa yinda ihombile ifake iintsimbi zayo, amantombazana ambethe iingubo azigqumile. Afika enkudleni aguqe ngamadolo. Ayatyhilwa umzimba wangasentla kune ngezantsi kwamabele. Uvela lomzimba uqatywe ~~kwama~~ undiki uhonjiswe ngeentsimbi, bakuba ba nele ukuwabona kumizimba yangasentla ayaphakama amantombazana ayisingele unva inkundla. Kutyhilwa ke ngoku izitho babonwe zona bakugqiba ke baphindela endlwini.

6 Ngoku amadoda aseludulini elathiswa inkabi yenkomo yokubo nwa koduli. Bayayibumba bayixhele ngomkhonto wabo, ngezimini abantu bangasaphathi mikhonto bakhupha imali (5/-) yokuhlawulela lowo bawubolekwayo wasekaya apha. Bathi bakugqiba ukuhlinza bashiye isiqingatha sale nkomo esikhumbeni. Esi sesomkhaya. Enye bayithwalela eludulini. Kuxhelelwa umfazi. Kwakuba kwenjiwenje isiko lomtshato lifezekile. Umfazi ongaguqanga ongaxhelelwanga akatshatanga. Ezinkundleni abantwana bakhe bayegwetywa kumatyala amafa njengabantwana abangengabo bomtshato.

Enveni kokuba uduli lubonwe kwaze kwaxhelwa kuba ziziyunguma kududwa, kusonwatywa.

u Lobolo - Emva komtshato uduli luthumela amadoda ayokuhlanguka no-Somfana athi naye abize amawabo ukuba athethe nalloomadoda aseludulini. Kuhlaliwa ngasebuhlanti kuxoxwe ngekhazi. u Somfana uyalobola ngangoko enako. Ikhazi alinanani limisiweyo into ekuthethwa yona bubulawu oko kukuthi kukwelamana, kungenzelwana bumenemene. uSomfana ebe lobola nangenkomo ezisezindaweni nanti nyani zoze ziphuthunywe zilotyolwe.

Kodwa ngezim ni abantu banyusele emaqingeni ngangokuba liyalohlwa elisiko lokulobolisa. Namhlanje kuqale kulotyolwe ikhazi elanelisayo phambi kokuba intombazana uyise ayiqhube ayokuyendisa badinwe ngabantu abalobola ngeenkomo ezingasoze zibekho.

7 Ukutholeka.- Eli lugunya elisetyensiswayo ukunyanzela isoka elingaloboliyo ukuba libolobole. Uthi umfazi xa ahambele kowabo athi uyise nokuba ngubanina lowo unegunya lokulobolisa, "Ndiyakutholeka." Emveni kwelozwi akaphindi abuyele emzini wakhe de umyeni wakhe azilobole ezonto zifunwayo. Umfazi uyathanda naye ukulotyolwa kuba lowo mntu utye ikhazi lakhe kufuneka amphe izinto asukuba ezo kuzicela. Ulikhaya lentombazana abanye abazala bathi ukulungiselela intombazana zabo banike abantu iinkomo ekhazini lazo besithi "Ndiyakufaka" Loonto ithetha ukuba xa intombi ibuyile emzini wayo yaze yaya kuye kufuneka ayiphe izinto zokuba iphindele emzini wayo inazo. Kuthiwa umntu ofakiweyo akanabantu ukuba ngoba imka ilambatha kuye. Ngoko bonke abantu bafakiweyo abaneli kukhupha iimpahla zokwendisa kuphela Camini ya yakwenda intombazana bamane bayipha isakubuya kodwa bona bangenalungelo lakulobolisa njengo yise wentombazana, nabantwana balentombazana banebango lokucela baphiwe ngabantu abatye ikhazi lijanina.

u Thwalo no Gcagco - Lamasiko omabini ayelelene azizono kunokuba abe angamasiko. Kodwa ke zithi zakwenziwa ezizono zidukelwe zohlwanywe ngesiko.

8 U-Gcagco lwahluka ku Thwalo / ngalendawo yokuba ugcagco lwenziwa ngemvume yentombi xa lona uthwalo lwenziwa ingavumi. Ngamanye amaxesha umthwali uthwala ngemvume ka Sontombi. Uthi u Sontombi ukuze athi mayithwalwe abe uyaqonda ukuba akakalungeli kusa luduli. Uthi ke, mabayithathe kuba uduli lona luyesiwa nokuba intombazana ibiselingexesha isemzini apho.

U-Gcagco ludla ngokubakho xa intombazana isendiswa isendiswa kumntu engamfuniyo kubekutkho umfana oyithandayo efuna ukuyi zeka. Uye ke umfana kuba nyazi kuba akakuyizuza ngemvume ka Sontombi, abaleke nayo, ayokuyifihla kude apho ingayikufunyanwa ngaba kowayo kuthiwa ke/yigcagcoile.

Xa intombazana ithwalwa iphathwa kokubi kuba ayivumi iyabethwa ngeentonga nangezabokhwe.

Nokuba, ke, ithwelwe nokuba igoagciwe kuye kuyokuxelwa kulontombi ukubo. u Sontombi uthuma oonozaku-zaku bokusa ityala.

9 uSomfana uye athethe lamazwi, "Ndiyazeka, ngenani endlwini" ukutsho ke, uthi mabangathethi bemi ngenyawo besisa ityala komkhulu mabangene endlwini kuthethwe ubulawu. Baye babize inkomo/yo thwalo kungenjalo ugcagco phambi kokuba kuthethwe eyokwendiselana. Yakuba ekutshiwe, ukweba kuyeviwana aSontombi uyayiboleka intombazana esithi uyakuyizisa ngokwakhe ethetha ukuthi uzakuyendisa ngoduli ngokwesiko.

Ukuba akuviwana iyohlwatshwa intombazana adliwe u Somfana ngo thwalo mhlawumbi ugcagco.

Uku-Cinizisa. - Umfazi, eba-Thenjini kufuneka angawabizi amagama ayelete kwawoo yisezala nooyise booyisezala. Uyawahloniph lamagama namagama anezandi aziyelele kumagama awahloniphayo kufuneka engawabizanga. Wenza awakhe endaweni yawo. Oko msekelo ukuba ngaba igama ilihlonitshwayo ngu Ciko, isiciko sembiza kufuneka abafazi basihloniphe bathi mhlawumbi isidakiso mhlaubi isisibekelo.

Ukuba ke umfazi ubize igama elihlonitshwayo waze wathi omnye umntu "Ubiza uyihlo xa utshoyo" Kuthiwa ke ucinizisiwe.

Isiko lelokuba ke, bonke abafazi babantakwabo bendoda yakhe, bahanbe baye kwamawabo. Naye ngakwelakhe ikowabo.

10 Bayakuphuthuma intlawulo yegama elo liconizisiweyo. Ngezimini iba yimali, iponti kulowo/unguyena uconizisiweyo. Abanye abo bamkhaphayo beza namashumi esheleni nangaphantsi koko, kuya ngokuzuza kwabo. Akusazeki ukuba phambi kokuba imali ibekho bekuhlawulwa nganina. Kodwa kucacile ukuba ibe ingeyonto isetyenziswayo ngenxa yendleko, zayo.

Lemali ke ifike igalelwe kuloo mntu ubethe lakubizwa igama, "Maconini" Mhlawumbi amanye amazwi okucinizisa. Kufuneka ke umconizisi abaxhelele abafazi abo.

Uconiziso luhamba ngeendidi. Ukuba kuconiziswe umlokazana unina akaconiziswanga ngoko akahambi, ngokukwanjalo ukuba kuconiziswe unina umlokazana akaconiziswanga ngoko akahambi xa kumka unina.

Ngangokuba ~~esiyá~~ isoyikwa into yokubiza abantu abahlonipshwayo uthi umfazi nokuba uyedwa akuphazamela kuloo nto athi "pu"

etshica loo nto i bi ayenzileyo. Abafazi baba Thembu banenkolo yokuba ukuba umntu a ukiza amagama amakawahloniphe uyakuphuma inkqayi.

Uku-Phinda-Indlela. - Umfazi uhlala emzini wakhe ixesha elithile aze aphinde indlela. Ukuphinda indlela kukuya/wabo okukugala emva koku a etshatile. Ukhutshwa yentombazana yomzi wakhe. aze ngokwesiko anikwe iintsuku ezingengqithanga ecaweni ukuba kukufuphi, zingagqiphi kucawe ezimbini xa kukude. Uthi esakufika kowabo axhelelwe nguyise kuba embukawaye ehamba nomntwana wase-mzini.

Mhla ayodukayo unikwa enye impahla yokwenda enje ngeenkoko, izithebe njalo. Le ntombazana ahamba nayo iphiwa izinto ezizi zinxibo zamantombazana.

Ngezimini zanamhla umfazi xa avela kuphinda-indlela ukhatshwa ngabafazi bakowabo kuthwelwe utywala kughutywa nenkabi yegutsha eyakuxelwa akufika l emzini wakhe. Kuthiwa ukubizwa kwalento lugadala uyise wesoka kufuneka athi lusakufika olundwendwe aluxhelele kube ke ngoko kwenziwa isidlo esinenyama notywala, Elisiko logadala litsha eba Thenjini livele kuba Mbo

Amasiko ase Ndlwini:-

1 Umfazi akaye kucala lika yise konke akanyatheli enkundleni yomzi kayise, engangeni nasebuhlanti.

2 Iselwa lika yise akaliphathi konke.

3 Umfazi akahambi ngetloko phambi koyise bahanye abantu abahloniphileyo.

4. Wonke umntu yoinkazana xa selengumntu olandela ixesha (menstruation) akazitsibi impahla zamadoda, lintonga izikhali neempahla zokulina njenge dyokhve namakhonkoo.

5 Xa umntu oyinkazana asexetsheni akufuneki alutye ubisi namasi kungafuneki angene nasebuhlanti kuthiwa ukuba uzenzile ezizinto impahla iyakuba buthathaka ife.

6 Uthuthu alubuthwa lugqitywe eziko kuthiwa impahla ingaphe-la xa lutshayelwe lwanke.

7 Amanzi akaposwa ngqo emnyango xa etchithwa kuba ukuba kwenjiwe njalo nombane uyakwenjenjalo ukungena endlwini ~~uyak~~ kufuneka umntu athi xa ewachitha amanzi awaphose ecaleni endlwini.

8. Abantu abangamankazana akufuneki batye bemile kungenjalo kubekho umntu omileyo phezu kwabo xa behleli. Wona umntu engxola esithi - "musa ukundimela" kuthiwa ukuba batya bemile bakuthi xa bebeleka bamelwe.

Ukuzalwa ko mntwana - Uthi umfazi akumitha kufuneke asele into ekuthiwa sisicakathi. Senziwa ngokufaka enkonkxeni ingcambu yomkhanzi kuze kugalelwe amanzi. Umane ke esiphuza esisicakathi imihla yonke ngakumbi ukuvuka kwakhe. Esisicakathi uyasifihla singabonwa bantu. Kuthiwa akuthi umntwana avele efana nomntu kakhulu ongenguye oyise nonina, goomntu makabe wakroba isicakathi somdlezana. Zakuhamba linyanga kufuneka isisu sihlukuhlwe. Umfazi uya kwichule lokuhlukuhla elakumhlukuhla lisimise, isisu ngendlela eyakwenza ukuba abeleke lula.

Umfazi ke akubeleka uluqaba usana umthi ekuthiwa ngumthombothi. Lo mthi uvevumba elikhulu. Lomthi umsebenzi wawo kukuqhuqha emzembeni nesebusweni uboya. Kuthiwa ukuba akaqatywanga umthombothi onokuba xhonti.

Akuvumelekile ukuba umntu oyindoda angene kwa mdlezana. Ithathwa nje ngehlazo into yokuthi indoda ingene kwamdlezana. Kodwa xa Umfazi exatyelwe amadoda ayangena ukubama ukumkhuphela.

Ngangokuba isiko lokuhlonipha lisegazini ku-mThembu uthi nokuba umfazi ubeleka nzima kuthi ukuba kukhe kwabizwa uyisezala wangena, okuthuka kwakhe ukubonwa nguye engathwalanga ngoko ke ehambaze, kwenz ukuba ab leke ngoko nangoko.

Ngoko/ iyasetyenziswa itno yokuthi xa umfazi engabeleki msinya kubizwe umntu amhloniphayo azo kungena.

Ezinye izinto ezisetyenziswayo xa umfazi emelwe zizinto exikhuphisayo ezinje ngesixhaxha, iqanda eliluhlaza (abafazi abalityi iqanda ngoku bayalicekisa). Uthi umzimba ngokuzama ukutyhunduza ezizinto ungazifuniyo ube namandla okutyhunduza usana ngezantsi. Usana lusezwa isihlambezo.

Emveni kwexasha umntwana ezelwe uyaqatywa. Kuxhelwa inkomo nokuba yibokhwe.

Ukwaluka: Elisiko lilyngiselelwa yinkwendkwe yom-Thembu kwa esiselula, xa imalunga neminyaka elishumi elinesibini ubudala iyaphondla. Ukuphondla kukuhlutyulwa kwalenyama kuthiwa lijwabi

ukuba ikhululeke ukuze xa aluswayo ibe nokusikwa iyondwa. Kubuhlungu ukuphondla ngoko inkwenkwana iphondlwa ngamandla yendala kunayo.

Emveni kaku-phondla kufuneka iqhawule umthungo. Umthungo uqhawulwa ngokutyunyuzelwa kwembovane ezi zinkulu kuloonyama ibanga ukuba umthungo ungoluki lisakubuyiswa umva ijwabi. Lamanzi embovane ayatshatshozela agxungule ukuze londawo agalelwe kuyo idavuke. Yiyo loonto kuqhawulwa ngawo. Ukakuba umthungo awuqhawuki yimbovane uqhawulwa ngomthi omanzi alumayo ekuthiwa litshelo kungenjalo umthungo uyagqojoswa ngeliva lomnga kuqhinelwe izabatha zenkomo. Ukuba kwenjiwe njalo awunakungaqhawuki, kuthiwa ukuba inkwenkwe ayiphondlanga mhlawumbi ayiwuqhawulanga umthungo agaluseki kakuhle. Isinyenye (isilondo somkhonto ke eso) siba sikhulu singathi nto, siyigebule.

15 Inkwenkwe akufuneki ichame eluthuthwini, kungafuneki nokuba yenze amanyala kuba mhla yaluka ayikuphola. Ithi inkwenkwe ukuba ayipholi/xa yalukile ibethwe kuthiwe mayixele lamanyala yayiwenza ukuze iphole. Ukuzela amanyala umntu awenzileyo kuthiwa kukubula.

Lakufika ixesha lokuba yaluke inkwenkwe yom-Thembu idibana namanye akwafuna uwaluka ayokucela ukwaluka komkhulu. Ayenza lento selefumene imvume yokwaluka emakhayeni awo. Komkhulu ani-kwa umsebenzi amakawenze phambi kokuba avunyelwe.

Ukuba evunyelwe ukuba aluke aqala ke embe isityalo ekuthiwa yi swadi esimagaqa athi esakoma axobuke anaphe cephecana afana namaphepha athambileyo. Ngelixesha amakhwenkwe omisa ezi swadi aziziralarume. Akufuni nto isondela kundawo aneke kuzo iimpahla zawo. Ayabetha kubo bonke abasondelayo ngakumbi abafazi. Alumkele amagqwira afuna ukuzithokatha iimpahla zabo.

Amakhwenkwe ezelwa iingubo zeemfele zegusha. Athi xa selisondela ixesha lokwaluka azambathe ezingubo zegusha endaweni yezi azambathayo zase mlungwini.

Umhla wokwaluka uyafika. Yileyo inkwenkwe iyachetywa intloko ngemesi ebukhali ngemiswe ebuhlanti kowayo kuyaxhelwa umnchamo wayo.

25 16 Kwakusasa amadoda avuke agxumeka ezinti qelele nemizi enza uphahla lwenqugwala elizakuba lisuthu la/lamakhwenkwe.



Abafazi bona bavuke bayakupha incha. Kufuneka ezizinto zenziwe ngaloo mini aluka ngayo amakhwenkwe ukuze amagqwira angabinathuba lokuwuthakatha loo-msebenzi athi amadoda akugqiba ukulwenza uphanla lwe suthu abafazi balifulele.

Uthi usakugqitywa ukutyiwa umnohamo kumzi ngamnye amakhwenkwe aqhutyelwe kulo mnini suthu. Isuthu liba lelenkwenkwe eyise umkhulu kwabo bantu balisileyo.

Emalanga amakhwenkwe ayaqhutywa ayokuhlamba kumanzi akufuphi nesuthu elo lawo. Inchibi yokwalusa iba selihleli apho. Ayiyi emakhayeni amakhwenkwe de ibe ifezile ukuwalusa. Ithi ke, emva kokwalusa iye kutya iminohamo leyo amakhwenkwe, ifumane nebatala (umvuzo) yokwalusa. Ngezimini yimali eqalela ku sheleni enye iye ku sheleni ezimbini ezine sikisipheni, inkwenkwe nganye.

Akugqiba ukuhlamba amakhwenkwe adweliswa kwakufuphi nomlambo lowo. Kuqala inkwenkwe ekuthiwa lisekela kuze ngomnini suthu

kulandele amanye ngomnini suthu kulandela amanye ngokubukhulu bawo kuyokugqibela kwangaba ngenamawonga. Isekela linyulwa kumakhwenkwe angababusi babomzi isuthu lilelawo. Inchibi yalusa ngamkhonto wayo ololweyiyo. Iqala ngesekela ihambe iyokuphuma

ekugqibeleni koluhlu. Isekela lenzelwa ukuba lamkele uluhlwa lomkhonto (oko kukuthi uburabaxa nothuli lokulowa komkhonto into ke leyo eqoqamba kunene.) Umvuzo wesekela kukufu mana inkomo kuyise womnini suthu. Inkwenkwe yomzi ngamanye, kungenjalo amakhwenkwe omzi ngamnye aba nekhankatha lawo. Njengokuba inchibi isaluyisa ithi yakuyigqiba inkwenkwe ithi kuyo: "yithi nduyindoda." Inkwenkwe nganye kufuneka itsho ngowayo umhomo ukuthi iyindoda.

Igqiba nje ukwalusa incibi ikhankatha liyangena liyibophe nge swadi netyeba elenziwe ngethwathwa lebokhwe. Inkwenkwe ngaye iyazigcinela esandleni ijwabi layo. Akugqiba ukubotshwa ayaphakama aze egobile, eziqoshele iingubo ngaphantsi ukuze kungabikho gazi lawo liphalala emhlabeni ahambe ekrozile kwangohlobo ebehlehi ngalo, ukuya esuthwini. Ngengokuba ehamba ahambe echwetha izibi ngeentonga ukulumkela amabekelo. Kwangoku ahamba iintloko ezigqubuthele. Elisiko lokugqubuthela kufuneka alenze naxa selephilile xa aza kudlula ebafazini. Abafazi kuwo ngoku zizigqwathi.

Kuthiwa wona ngabakhwetha. Esuthwini abakwetha bahlala kwangoluhlu lokwaluka kwabo.

18 Akuvumelekanga mnutu uyinkazana ukuza asondele esuthwini labakwetha. Abesa ukutya bema mgama bakwaze de babonwe, kuye ikhankatha, liyo kuthatha okokutya.

Amakhankatha ngexesha akhankathayo akuvumelekile ukuba adibane namankazana konke. Kuthiwa ukuba awabophe ngolaza amakhwenkwe, akayikuphila.

Amakhwenkwe aqeqeshwa ngadalala ngamasiko obukwetha. Kukho amagama amakawabize ngokwabakhwetha anjengo "Kopha" athi kuku "oobela" isilonda somkhonto ahti "sisinyenye njalo-njalo. Ayagadwa indlela alala ngayo ukuza angazibutyazi asithunuke ngoko isinyenye. Ezizinto zinyanzelwa ngo swadi ukuba umkhwetha uphikele ukuzenza oko kuthi awaphula imithetho. Ayimeseleyo likhankatha.

Ngosuku lokuqala abotshwa nge swadi njalo ubusuku bonke. Ayitshintsha futhi ngangokuba kukho thuba lokuba angalala. Kusuku lwesibini abatshwa ngamagqabi esityalo ekuthiwa sisichwe. Amagqabi esisityalo anoboya ngaphantsi leloo cala lenoboya eloyanjiswa esinyenyeni ukuze limane lifunxa amanzi zobubovu besinyenye ekuthiwa ukubizwa kwaloo manzi nobubovu bubugqutsu. Njengoko kungagalelwa yeza isinyenye sipholiswa ngokugcinwa somile. Lento ifuna ukutshintsha kwezichwe futhi. Kulapho ke iintlungu zokwaluka zikhona zisekukhululeni nase kubopheni.

19 Kuntsuku zokuqala ezisibozo abakhwetha batya ukutya okulukhuni okuzinkobe zehasa ziphekwe zithemba. Amanzi abawaseli ngeko edalaukuchama futhi okubanga iinthingu kumkhwetha. Xa umkhwetha enxaniwe usezwa amanzi adibene nomhlaba wentuku udaka ke ngoko.

Ngosuku lwesibini balukile, oko kukuthi ukusa kwelemini baluka bayawa nehamba amajwabi abo elowo kundawo oyasiwa nguye yedwa. Ulinchwaba ijwabi ngokuhlaba ngentonga emhlabeni aze alinyenzele kulomhuma wentonga adibe ngomhlala ngaphezulu.

Ngosuku lwesibini amakhwenkwe alukile aqaba ubuso nesifuba neenyawo, nezitho ngentuku (umhlaba wentuku). Enva koko amakhankatha eza namatye engceke bangceke kwa ezondawo de khambe iintsuku bawungeke wonke umzimba ngaphandle kwenwela.

Ngosuku lwesibozo umnini suthu uya namadoda esuthwini ukuya kojisa amakhwenkwe uya ne gusha abaxhelele. Kwakuba kutyiwe loo nyama abakhwetha bakhululekile ukuba banokuhamba bengagobanga, banokuhlala phandle ke bathakamele ilanga njalo-njalo. Usuku lwesibozo luza nenkululeko ezininzi.

20

Kwezintsuku zisibozo bebephekelwa ngumnini suthu yedwa oko kukuthi uyise wenkwenkwe ekuthiwa isuthu lelayo. Emva kuyeentsuku ezisibozo wonke umzi onekwenkwe esuthwini nemizi ezizihlobo iyapheka kuba kuninzi ukutya ngangokokuba kulahlwe Liqhayiya ukuba amakhwekwe aphume etyebile. Iba yinkululeko eba khwetheni emva kweentsuku ezisibozo ukuba batye zonke iintlobo zokutya abaziphiwayo.

Kwakamsinyane emva kokuba balukile abakhwetha banzelwa uthango, babolekwe abakhwetha banzelwa uthango, babolekwe imazi zeenkomo ezisengwayo batye amasi ngezimini iinkomo zinqabileyo kwenziwa nje amaxhanti langagqitywa nothango. Elisiko libafundi sa ukuba njengamadoda mabajonge ekufuyeni iinkomo.

Bakuphila abakhwetha bayetefa baya yijikeleza imizi becela inyama amaxesha ngamaxesha. Abakhwetha bathandwa ngangokuba kunqabile ukuba bathi beyokucele bavinjwe. Bafike bahlale ngasebuhlanti bathumele amakhwenkwana kumnini mzi. Amakhwenkwana awuzakuzelela lulla lo mcimba kuba apho baphiwa khona nawo ayahamba ukuya kutya inyama zamakhwenkwe ebakhwetheni.

21

Uthi usakusondela umhla wokuphuma kwabakhwetha bachetywe iintloko ngemesi kwakhona. Iba ngumhla omkhulu umhla wokuphuma kwabakhwetha Aye amadoda aqokele lane. Aphatha izixhobo zawo zemfazwe, imikhonto, neentonga, nemipu ukuba banayo. Loo Mkhosi uya esuthwini apho ufike ukhuphe amakhwenkwe ehamba ze. Kufuneka azishiye iingubo/<sup>zo</sup>bukhwetha esuthwini nayo yonke into eyoyibukhwetha. Bayawaqhuba bewangqongile kwale xa bemgama uthile esizibeni abaza kuhlamba kuso babandulule abakhwetha ukuba bashiyane ngamendu. Iludumo into yokuba umkhwetha bashiye abanye ngangokuba ithi indoda umkhwetha wokowayo ihamba imbetha ukuba ushiyekile ngenxa yekhwele.

Elisiko lisakhumbuza iimfazwe ngexesha amendu ayebalukele ukuzuzisa ixhoba xa kujokwa itshaba nokusindisa ubomi xa kusesatywa utshaba nokusindisa ubomi xa kusesatywa impini.

Bakugqiba ukuhlamba abakhwetha bayaqutya bengqongiwe ngumkhosi, wamadoda uvuma iingoma zenfzwe. Amadodana ayaalala ngeentonga elingisana nangezikhali. Abanemipu benze izithonga ngemipu. Amanye amadodana aqokela iinkomo ezikufuphi apho, ziqhutywe phambi kwalomkhonsi. Kuluvoyo ngokungathi impi ibuya inoloyiso emfazweni iqhuba ixhoba. Elisiko lelatha into elindelwe kubo. Kulindelwe ukuba baphume umkhosi beze beqhuba ixhoba. Nango na imfazwe sezaphela isiko lona lisahleli.

Kwakufikwa esuthwini abakhwetha bafike bachophe phambi kwalo. Amakhankatha eza namafutha abathambise. Bambathiswa iingubo ezintsha. Ukuse kwakugqitywa banduluke ukusinga ekhaya kulomnini suthu. Igama labo ngoku ngama-krwala.

Akuthi gwiqi amakrwala ukulisingela umva isuthu, ikhankatha lilitshisa ngomlilo ukuze zithsele apho iingubo zobukhwetha nezinto ezinholileyo zobukhwetha.

Amakrwala ngoku ngabantu batsha. Amagama matsha. Bawanikwe ebukwetheni ngamakhankatha. Awo bukhwenkwe nemikwa emdaka yamakhwenkwe bawashiye esuthwini. Enyanisweni bazelwe ngokutsha. Kumirangqolo yamakhwenkwe kuphuma imibuna yamadoda oyika amahlazo.

Amakrwala akufika ekhaya afakwa ebuhlanti asokwe. Amadoda ayaphakama ewanika amazwi ngokwakhiwa kwemizi nokugcinwa kwemfuyo. Awapha iinkomo, imikhonto nezinye izinto eziluncedo ekuqaleni umzi. Bayayalwa kakhulu ngezinto amabaze b zenze namabaze bangazenzi njengamadoda. Imfeketho zobukhwenkwe baya qondisiswa kakuhle ukuba bazishiye esithwini apho zithsele khona. Ngoku kulindelwe kubo izinto ezinkulu ezaku/bonisa ukuba ooyise banonyama. Amakhankatha nawo ngomsebenzi wawo avuzwa ngokuthi aphiwe phakathi kolisoko isekela lisokwa ngenkomo ngumnini suthu.

Kwakugqitywa ukusokwa amakrwala ayaxhelelwa aze alaliswe endlwini yawo apho andlalelwe iinkuko ezntsha. Yonke into yabo kufuneka entsha ukuze imilisele ezingqondweni zabo ukuba bangabantu abatsha. Ngezimini kwenziwa ~~amade~~ imigidi kuselwe utywala. Kufuneka amakrwala avuke kusasa lingekaphumilanga ayekuhlamba imizimba. Athi akubuya ayithambise kwa amafutha Enje njalo de kuphele ingxeke oko kukuthi umzimba uthi usaku-gqitywa ukuhlanjwa ungaxwebi. Enza iintsuku ezimbalwa amakrwala achithakale ukusinga ngamakhaya awo.

Ayakhaphana ukusana kwamawawo.

Uku-Thomba: Eli lisiko ele latha ukuba intombazana ingemile ebuntwini obudala babantu abangamankazana. Ngexesha lakudala, ibisithi intombazana mhla yaqala ukulandela ixesha (first menstruation) kuthiwe "ingene" oko kuthi ithombile.

24

Isiko ke ibe ileli. Abafazi bebethi intombazana isakuqala ukuya exesheni baxebelele amadoda ukuba ingene. Amadoda ke abaya lele ukuba bayingenise. Loo mhla ke ingeniswayo intombazana kufunrka iye kulala ngasese komzi xa litshonayo. Abafazi baphuma bayokuyifuna babuye nayo sebe khala - "Yo'. Yo! Yo! Yo! ayithombanga ithunukele" Bafike bayingenise endlwini bayigungxise oko mtshakazi bayigcinisa amadikazi asekaya apha.

Baphuma bajikeleze enkundleni bengqungqa. Ngoratya bayayeka baze kusasa bavukele kwakuloo mngqungqo.

Kuthi ke ngale mini umnini ntombazana axhele umngene endlwini. Ibe iba yinkomo kudala kodwa ngoku abantu ngokuswela bambela ibokhwe. Iintswelo zibange ukuba intombazana ingathomjiswq kanye ngaloo mini yaqala ukulandela ixesha. Ngoku ithomba nokuba siyivela embini qayo ekwendeni. Kodwa intombazana yom-Thomba yonke iyathomba kuba ukuba ayithombanga kuthiwa iyakuba sisigulo loonto.

Isakuxhelwa inkomo yomngenendlwini kuthathwa indawo ethile yojiwe isiwe kuntombazana ethombileyo bengekayityi bonke abanye abantu. Intombazana le ithombileyo kuthiwa yi ntonjane. Kulandlu ihlala kuyo kuthiwa kukwa ntonjane mhlambi eludweni.

Lenyamake isiwa kwa ntonjane kuthiwa yeyokweshwamisa intonjane. Iliyeza ngokutyiwa kwazo yintonjane abanye abantu bengekati nyama, yakuba intonjane yeshwamile, bonke abantu bayayitya inyama.

25

Kwa intonjane kwandlalwa inch eyomileyo ekuthiwa yi nkxopho. Kulapho ulutsha, abafana amakhwenkwe namantombazana abutha khona. Amantombazana ayagwaba baxhentse abafana ngexesha abafuna ukuxhentsa ngalo. Bathi xa bengaxhentsi amakhwenkwe atshotshoe

Kwakuhambise ka lintsuku umnini ntonjane uphinda axhele enye inkomo.

Namhlanje kuthiwa uyayitshetela intombazana. Nokule inyama kufuneka yeshanyiswe. Kuya kuqokelelwane yilali kutyiwe loo nyama amakhosikazi anxibe izikhaka zeemfele zeenkomo aye angqungqa ngaloo mini. Mini ngesici akuhlonitshwa nkundla bangqungqa kuyo kunglonje, abambathi kuloo ungentla umzimba. Bahomba nge-ntsimbi. Bakhuphisana ngokufaneleka kwezihombo abazinxibileyo.

Emva kokutshatela intombazana kufika usuku lokuba iphume ngamanye amaxesha iphinda ilandele ixesha okwesibini ingekaphumi kuthiwa "iphindele" Umninintonjane uphinda axhele enye ibokhwe ekuthiwa ngumngena ndlini kwakhona. Njengoko elisiko liliyeza nakule nyama kufuneka intonjane yeshame. Ngamanye amaxesha iphinda intonjane ibe iseliphumile. Kufuneka ibuye ingeniswe endlwini kuxhelwe umngena-ndlwini kodwa kungabi sabikho ziyinguma zinjenga laa mini yokuqala. Oku kwesibini ukugena endlwini ayibisahlala xesha ledi.

Mhla yaphuma kutshiwa laa nkropho yaseludweni ukuze amaakazi ayikhaphe igungxile oko mtshakazi ayise kokwayo. Ifika kokwayo ithabethe i-emela (umphanda ngeemini zakudala iye kukha amazi ahlala usuku ugungxile ibuyele izinxibeni zobuntombazana ibe ke ngoko ilifezile isiko lokuthomba.

Isi-hewula: Ngexesha lakudala amantobazana ebe khangelwa ukuba azigcinile na engamantombazana apheleleyo. Ibe sisthi ke intombazana ethe kanti eziyekelele yaze yenziwa umfazi ~~yindoda~~ yindoda (ravished) ibethwe ngabafazi ukuba imxele loo mntu uyonileyo. Yakumxela ke kufuneka abafazi bafinyezele phezulu bathabathe iintonga bayiqhube yona namantombazana alomzi mhlawumbi emimelwane ehamba ze onke egalele uthuthu entloko bayise kuloo mzi ihewulwe kuwo. Bahamba bengxola abafazi besikhwaza esisimilos sibi. Ngumbono ombi kunene ngangokuba ngezimini zabelungu liye kiwe elisiko kundawo ezikufuphi needolophi, bathi bakufika ebuhlanti bakuloo-mfana uhewuleyo mhlawumbi ezinkomeniz zakowabo bazikhethete eyona nkabi bakholwayo yiyo. Bayiqhuba ngamandla bebetha wonke obathintayo. jengesiko elaziwayo akumiwa phambi kwabo. Izilumko zelixesha zilitshitshisile kuba zona ziyammangalela umntu ofumane azithathele ezimpahle ni zazo ngaphandle kokugwatyelwa ngunthetho wabe lungu.

Bathi bakufika ekhaya nale nkabi bayixhele. Bancedwa ngamadoda ukuyexhela. ~~Ng~~ Ityiwa ngobafazi le nyama libe ke ityala lokuyona intombazana lihlawulwe.

Umitho lwe Ntombi: Intombazana isakunitha abazali bayo besa ityala. Bafike bahlale ngasebuhlanti bathi besakubuzwa k baxele ukuba bezise ityala. Lithi ukuba liyavunywa kuhlawulwe mhlawumbi kutsho kuse kuzekwa. Oluhlawulo luxube nokuzeka kuthiwa kukunyuka nengalo. Ukuba ngaba intombazana ayifunwa kuhlawula iinkomo zomithoso ezizi nkomo ezintlanu. Umntwana ovelileyo uba ngowendoda leyo imithisileyo. Iyaphuthuma esakulunyulwa eyakuthi ukuba imyeke wakhulela apho kulo nina imkhuphele isondlo mhla imphuthumayo sele mdala.

28 Ukuba umfana uyayikhanyela intombazana uyise wayo udlulela komkhulu. Komkhulu kukhutshwa umthunywa ekuthiwa ngu msila ukuba ayokubizela usomfana nomfana wakhe etyaleni. Umntu omangalelwayo ngu somfana kuba kuthiwa ityalelo yise womfana ngalo nonke ixesha angakamkhuphi umzi wakhe emveni kokuba egale wamzekela.

Kubizwa amanqhuna angabantu ababeyazi into iphakathi kwale ntombazana nomfana. Kuyefuneka kukho ubunqhina babantu abe be thunywa ngumfana ukuyakuyibizela endengeni entombazana. Inkudla izanelisa ke ukuba nguwuphina obunqhina mayibukholelwe ize igwebe elocala lingayanelisanga.

Xe ke ituala lithethwe komkhulu ngokwesiko kufuneka enye inkomo isale komkhulu ihlawule iinkundla. Ngoko eba Thenjini ngu Ndimangele ohlawula iindleko zenkundla.

Xa ingumfazi omithisweyo isiko likwa leli sendilixelile ngaphandle kokuba emfazini umntwana akabi ngowo mmithisi. Uba ngowendoda yo mfazi. Intlawulo yona ikwa zinkomo ezintlanu.

29 Uku-gula: Eba Thenjini akathandi mntu ukukuvumela ukugula ngokuth akuya indawo ebuhlungu asele lala. Umntu nyaxomoloza ezomeleza de asuke alele kukoyiswa kukufa. Isizathu sesokuba abathandi ukuba baziwe xa umntu engaphulanga hleze amagqwira afumane ithaba lokuthumela izinto zokuthokathi zawo ukuza amgaibele umguli.

Iyidini: Uthi umntu ukuba uthiwe chu kukufa aye egqireni ukuba linuke umntu (idla ngokuba ngumfazi) loo mntu abulawe

Idini: Uthi umntu ukuba uthiwe chu kukufa aye egqireni ukuba linuke umntu (idla ngokuba ngumfani) loo mntu abulawe ngezomini zokudala, namhlanje uyagxothwa nje.

Ngamanye amaxesha ngakumbi kukufa asuke umJuli achubeke abitye igqira lihlaba idini. Lithi iminyanya yekhaya (abantu ababubayo ke ngoko) bayacela. Litsho ke liyecele nenkomo abayiceleyo. Ngamanye amaxesha. Wambi amaxesha liyekela/<sup>ku</sup>bantu bekhaya bazihonele.

Imilowo iyahlanganisana kuze kuxhelwe inkomo yedini edla ngokuba yinkabi yenkomo esulungekileyo. Ihlatywa esiswini ukuze egxwale. Ithi xa igxwalayo akhwaze athi "Camagu, camagu, makube hele makube chosi" Oko kukuthi "taru, taru, wanga angaphila umguli.

Ithi ke esakuhlizwa kusikwe indawo yojiwe kuyokwe shwanyiswa umguli. Nokuba ube sele lele umguli uyazomeleza mhla enzelwa idini azeme kuphakama ngangokuba omnye usuke asele chacha ukususela mhla ngedini uphiliswa lukholo analo edinini apho.

30 Xa ityiwayo lenyama kuthatyathwa inyameko enkulu ukuba amathambo angahahlwa, angatyiwa zizinja. Ofuna ukuphainja uyipha inyama ingelilo ithambo. Ayaqokelelwa lamathambo atshiswe ebuhlanti ibe ke ngoko iminyanya iyityile loo nyama ngokusezela elo vuma lamathambo.

Ngangokuba aba Thembu benenkolo yokuba iminyanya iyabuya ifune izinto kubo nokuba kuphalala into enje ngamasi noba butywala akukhuzwa kuba kuthiwa buselwa ngabantu abakhulu (iminyanya ke ngoko) Amasi abizelwa izinja. Utywala khe buyekwe umzizwana phambi kokuba butshayelwe.

Umnchwabo: Kudala abantu be bekoyika kakhulu ukufa, ngokumbi ukufa sisifo. Ukufa emfazweni bebengakoyiki nganto konke.

Ubethi umntu ukuba uyagula abeminye imizi bangayi kumvelela ngenxa yokuyika ukusulelwa koko kufa kumbabileyo.

Akububa ibiba ngumsebenzi wabantu baloomzi ukumfihla. Bekungekho mihlakulo (spades) ngoko babebafuna umnxhuma we benxa kungenjalo ihodi bamfake. Kuwo babeke/<sup>a</sup>mahlahla anameva ngaphezulu ukuthintela izinja. Bekufuneka lowo unguyena usondeleyo

kumfi asilinde isidumbu side sibole. Ubehlala ke  
31 apho ngakuloo mnxhuma imini yonke, ephetshwa ngabantu abambonayo



ngenxa yobubi bomsebenzi wakhe. Abantu baloo mzi bebengayi phakathi kwabantu ezisuseni de p bakhuzwe zizihlobo nayinkosi yabo ukuze bakhululeke. Yiyokelento kubakho amazwi xa kukhuzwayo athi "Sithi phumani ehlathini nihambe phakathi kwabantu." Nangona kungasandhwaywa minxhunyeneni yamahodi asathethwa lamazwi xa kukhuzwa abantu.

Inkosi zona zazingaphoswa minxhunyeneni yamahodi. Zazindhwaywa ezizibeni zemilambo bekuntywila umntu ayokusibophelela isidumbu elityeni ezantsi esizibeni. Nanamhla abafazi bezizwe zabathembu ezimele umlambo abafinyezi xa bewela emlanjeni ngexa yokuhlonipha ezonkosi zinohwaywe emlanjeni.

Namhla njengoko kukho inihlakulene peki zokumba akusandhwaywa ngoluhlobo sindiluchazile. Mminimzi unchwatywa ngasebuhlanti Ngasesangweni. Isiko ke ulungu engekawubandezi umhlaba belile lokuba ubuhlanti bufuduselwe ngaphambili kushiyeke kuphela amaxhanti apho ngasedlokeni. Lamaxhanti akanakubuye asetye-nziswe nakuwuphina umsebenzi konke. Nomntwana uyazi uyafundiswa ukuba amaxhanti enchwaba makangawaphathi asinto yakudlalisele kuyo. Kufuneka kungekandhwaywa akhutshwe. Umbona namazimba aseziseleni ezikuthango oluzakufundiswa kuba ukuba akwenjiwanga njalo lombona useluthangweni olunedlaka akasafanele kutyiwa noke. Abanye abantu ke banchwaywa qelele nomzi.

Akububa umntu nokuba ngumnini mzi nokuba nguwuphi bubikelwa izihlobo nekomkhulu. Amadoda ayaqokelelana azo kumba idlaka Limbiwa libenzulu, ukunzulu obugqithileyo esingeni. Bakufikelelwa ubunzulu obanelisayo kumbiwa igumbi emzantsi kwelocala ledlaka likude nekaya. Yezelwa lento ukuze sithi sisakubekwa isidumbu sibe noku jongiswa ekhaya kuba inkolelo yaba Thembu yeyokuba ukuba isidumbu asijonganga ~~ekhaya-ekhaya~~ ekhaya siwusingele umva umzi, kuyakubakho amashwa kuloo mzi. Banenkolo yokuba nakuba efile umnyanya wakhe (spirit) uzakunana ulihambela ekhaya.

Isidumbu siza ke sifunqulwe ngamadoda sambathiswe ngengubo yaso. Ithandelwe kuso. Isidumbu solukile tse, ingalo zithe nca kuso. Amehlo nomlomo avaliwe kuba aba Thembu bathabatha inyameko enkulu ukumlinda umntu xa ebuba ukuze bamvale amehlo nomlomo bamolule imilense/neengalo esushushu. Abakuthandi

ukubona isidumbu esithe nta amehlo sikhamise nemilomo.  
 Sitjakaxaka ukusinowaba similenze neengalo zigoge neyo.  
 Sifika isidumbu singeniswe edlakeni sebekwe egumbini ubuso  
 butyilwa kancinane ukuba kuwela amehlo lawo ecimele enjalo.  
 Ubuso bukhangaleswa ngase khaya. Impahla zomfi izinxibo,  
 iinqawe njalo njalo ziphoswa papho anchwabeni kuba akukho  
 mntu mpingayo ukusebenzisa into ibikhe yasentyenziswa ngumbi.  
 Igumbu livalwa ngamagade ukuze ihlaba xa kuditywayo ungabina-  
 kumfikelela umfi.

Edlakeni akuzi bafazingaphandle ko nina kungenjalo umfazi  
 kamfi, aba bafike baphose umhlaba bahambe. Kushiyeke amadoda ediba  
 Phambi kokuba badibe baqale baphose umhlaba besithi "Hamba  
 mfo (ngombi) ka nantsi siyakulandela" Kuyaditywa kugqitywe.  
 Emba kokuba kugqitywe ukunchwatywa besuka bonke abantu bayo-  
 kuhlamba imizimba. Abangengabo belookhaya abasayi hlambi  
 imizimba basuke bahlambe izandla kwakuloo mzi bachithakale ukuya  
 ngamakhaya abo. Bakubuya emlanjeni bafika bachebe inqayi bonke.  
 Sisiqalelo sezila ke esi. Ukuba umfi lo ubenendla yakhe  
 iyatshiswa kuba akukho mntu ufuna ukusebenzisa izinto zika mfi.  
Ukuzo : Zisuka ke izihlobo zimane zifika ukuza kukhuza.

Zithetha amazwi okubomeleza abantu abashiye ngumbi.  
 Zibakhumbaza ukuba okuhlileyo bekuse kukhe kwahla ngaphambili  
 Ngumthetho wemveli ka mveli mabangahli bahlobise igazi benzakalasa  
 eyabo impilo. Mabaphume ehlathini bahambe phakathi kwabantu  
 bengenantloni. Lamazwi aphenkulwa ngemibulelo zixhelelwe izi-  
 hlobo ukuze zingatyi nobubi kuba aziphathi kutya zingayanga ku-  
 beka(ngeni) ilitye enchwabeni. Zakubuya enchwabeni  
 zihlamba izandla zingeka ngena endlwini ukuze zingangenisi  
 ukufa ekhaya. Kufuneka ke izandla zabo zingahlanjwa  
 ngamazazi kuphela kufuneka zixhelelwe into ekuthiwa yeyokuhlamba  
 izandla. Iba yigusha nokuba yibokhwe. Emveni kokukhuzwa abantu  
 bekhaya elibi jelweyo baba nako ukuhamba izisusa njengabantu  
 bonke. Xa bengakakhuzwa bahlala ngekhaya kuba base phantsi kwe  
 zila.

Ixila- Emveni kwethuba sezixohle iintliziyo zabantu bonke,  
 kuxhelwa inkomo yokuzilela umfi. Inyama yale nkomo ayiphathwa  
 iye emizini kuba yeyokufa, bangaba ngoko besa ukuba emizini  
 yabo.

Ityelwa apho, kuzanywe ukuba igqitywe loo mini.

35

Ukuba iboyisile ngobuninzi nangexa yokutyeba kusa bevukela kuyo ukuba bayigqibe. Mhla ke kwaziwa elizila lenkomo kumhla laba ke izila ligqityiwe. Emva kwalo umfazi nokuba ngaba ebesaxwebisile uyakhululela ukuba aqabe imbola.

#### Ukuxhelelwa kweendwendwe-

Kwakufika undwendwe ufanele ukuxelela umnini khaya uza negufa ikrotyiswa emnyango ukuze umnini khaya alulandulele undwendwe ukuba lukulala ngendlala. Selefumane ethi malulale lusele amanzi ngeletakanana. Luya bulela undwendwe luvakalise ukubalona belungalindelanga okungaka xa beluhambela kumhlobo walo. Emva koko luyithathela emandleni alo igufa luyixhele. Abase khaya apha ngoku abasenanto yokwenza kunyama yalegufa. Bayiphiwa zindwendwe ezo. Bengenakubanga nto. Baphiwa umbilini nomkhono mhlawumbi umlenze. Bayiphiwa iluhlaza leyo kanti kengalo lonke exesha ezophuleyo iindwendwe (kuba ziyaziphekela) ziyawabele umkhaya. Isikhumba zimka naso iindwendwe. Siba seso umhlinzi.

#### Imfazwe-

36

Ngexesha lemfazwe amadoda akalali ezindlwini zawo kwaye kufuneka engadibananga/namankazana. Kuthiwa indoda eyenjenjalo iyathamba ibulawe emfazweni. Konjalo izisa ilishwa kuloo mkosi ikuwo. Xa amadoda efunzile edabini abafazi bahambela mgama bafinyezele phezulu. Kufuneka baluhambele ze utshaba ukuza lungabinamandla; amadoda abo abenokoyisa.

Xa kufika indaba zokufa emfazweni kwamadoda kufuneka abafazi bangalili. Isiko lithi akulilwa ukuze ingozi eyenzikileyo ingaphindi. Amazila abe melwe kukwenziwa okenziwa de imfazwe idlule. Ithe keisa kudlula eziwe.

#### Isiphemba (plague).

Xa kukho imbalela kuyiwa kugqira lemvula, kuthiwa kudala inkosi ibiye ikhuphe inqhina kuyokuzingelwa. Bekuqinisekwa ukuba xa kwenjiwenjalo iyakuna. Kungenjalo bekuphunywa kuyo-kugawulwa emhlathini amahlahla aluhlaza. Aba Thembu basakholelwa nangoku ukuba amahlahla aluhlaza eza nemvula. Ngexsha lasehlotyeni abathandi ukuba abantu bagawule kuba bathi loonto iyakuzisa izichotho.

37 Ukuthintelwa kwamatye (isichotho) kwanziwa ngamagqira. Aye aqokele abantu entabeni kuthiwe kuyabethelelwa. Loo mini akufuni mntu emasimini. Akugqiba ukumbela amayeza okunqanda isichotho, emisa imithetho emayithotyelwe ngabantu ukuze singabikho isichotho. Kufuneka abantu bangathwali amahlamvu, mahlahla aluhlaza ngakumbi phakathi kwamasimi. Kufuneka xa kuthe kwakho isitshi esinemitakela yamatyana kungahlakulwa ngaphandle kwamalima.

Ka amasimi etshatyalaliswa, siinkumbi mhlaumbi intlava kuyiwa kugqira lezonto. Eli lebanika abantu iyeza lokusichithachitha eso siphemba. Eliyeza ligalelwa ngamantobazana emasimini. Kufuneka amantombazana ahambe ze. Ahamba ekrozile phakathi kwamasimi evuma iingoma esisikhalo ngokuba amasimi ephelile. Kuthiwa ukubiswa kwawo ziingoloqho. Lento ayenzayo kuthiwa yingoloqho. Akafuni bantu xa esenza ingoloqho. Ayababetha bonke abahamba amasimini kwaye ngoko mthetho wesiko akukho mntu maka baphazamise emsebenzini wabo wokusindisa isizwe ngokusindisa izilimo zaso. Ahlala kunzi omnye de iyekwe ingoloqho. Yonke y imini ajikeleza amasimi lawo enyanga kuwo abuye ngokutya kuphela, nangokuza kulala kuba kuhlwile.

38

Izindlu - Ubukhulu baba Fazi nelifa.

Isiko lokuzeka abafazi abaninzi kucaca ukuba laqala oba Thinjini ukulawulwa ngokwesiko kuba libizwa ngabo; kuthiwa sisi Thembu. Lihamba ngoluhlobo:

Kukho umfazi ozekelwa idawo yokuba ngamfazi omkhulu. Umfazi omkhulu we nkosi olotyolwa isisizwe abekwe mhla ozokwendiswa. Isiko lelokuba indawo yobukhulu bomfazi negama alithiwaywayo emzini wakhe zixelelwa ezonto abo bantu bazokumendisa. Kubakho mfazi wase kunene. Lomfazi unobukhulu obusondeleyo kowendlu enkulu nangona kodwa engeneno kuye ekudleni ilifa lendoda. Izinto ezisetyezwa, zizuzwe yindoda lilifa lendlu enkulu ngaphandle kokuba zibe ziphiwe ukunene cacileyo. Ngegama oonyama basekunene bayalingana nabendlu enkulu ngewonga kanti entlalweni siphawula ukuba bazizininawe zendlu enkulu.

Kwezizindlu zimbini yileyo ukuba inenkomo inako ukwenza ukuba undoda izeke omnye mhlawumbi abanye bafazi ababizwa ngokuba ngamaqadi alondlu bazekwe ngeenkomo zayo.

Ukuba umfazi ekuthiwa sisisu salowo ungazaliyo. Amalungelo aloo mfazi aba ngalawo kanye alunge naloo mfazi asisisu sakhe.

39

Ngamanye amaxesha akuzekwa kusuke kuthathwe unyana wendlu encinci (iqadi ( mhlawumbi wenkazana azo kwenziwa umntwana womfazi ongazaliyo. Loo mntwana ukuba wenzelwe imbizo ye milowo wavakaliswa ngokusesikweni ukuba wenziwa umntwana womfazi lowo ungazaliyo, usuka emafeni afane kanye nomntwana oyinkwenkwe obengazalwa nguloo mfazi ungazaliyo.

Iintombi kwakunye nabantwana ezibazalela ekhaya mhlawumbi emizini yazo azinakutya lifa kowazo. Zililifa ngokwazo. Unyana ozelwe yintombazana engatshatanga akanakulitya ilifa lodadewabo ozelwe kwangololuhlobo kuba bonke abantwana abazalelwa ekhaya balilifa laloondlu unina ayiyo. Indlu ethe ukuze ibekho yazekwa ngeenkomo zenye izibuyisa ngeekazi lentombi yokuqala yaloo ndlu. Izindlu zom Thembu zima ngoluhlobo:

Indoda.

Indlu-Enkulu

Uku-nene.

Iqadi Iqadi Iqadi Iqadi Iqadi Iqadi Iqadi Iqadi  
LenNdlu Kulu Le-Ndlu-Enkulu LenNdluNkulu LenNdluNkulu

Amaqadi endlu nganye angamaninzi ngangoko indlu leyo iwazekayo iwafuna inazo neenkomo. Akukho sithintelo ekuzekeni Iqadi-leqadi ukuba ugaba iqadi elo lizeka iqadi linazo iinkomo.

40

Amasiko amalunga no kutya.

1. Xa kusophulwa ukutya kuqale kuphakelwe ichukuzana lokutya kwesabantwana isitya kwandule ukuphakelwa esamadoda nezabanye abantu. Eli chukuzana lokutya kuthiwa liphini lokuzamisa laye libanga uvubukulo xa amadoda ebaleka kusiliwa. Uvubukulo yinto ethi khuphu kabuhlungu esiswini ibange kubenzima ukuphefumla nokushukuma. Umntu ofunyenwe luvubukulo uba sisichenge sokwenzakala xa ase ngozini nje ngase mpini.
2. Ukutya kwamadoda nokwamakhwenkwe akwenekwa kuba othi xa kulwayo anekeko ukubaleka.
3. Amadoda namakhwenkwe akayityi imifuno. Kukutya kwabafazi.
4. Yakuzala inkomo umthubi utyiwa ngamankhwenkwe. Inkhwenkwe eqale yatya emthubini kuthiwa yiyo etyele ithole. Ukuba lithe larala kuye kuhlekwe kuthiwe lifuze yona iyarala.

5. Xa kuthiwa ubisi eselweni ingwebulula (Milk froth) inikwa amantombazana ase lula. Amakhwenkwe wona anya iinkomo ezimathole madala xa sezikhe zasengwa.

41 6. Ulutsha amakhwenkwe namantombazana alukutyi ukutya kowendla lungachilanga, mhla/bazakuchila bayaqokelelana emzini kuphekwe ukutya okutsha. Kuthi kwakuvuthwa umntu ngamnye akhe ukutya afake emlonyeni agalele into ekuthiwa yintsizi aze lomthamo engakhange awuhlafune, engawuginyanga, awukhuphe ngesithonga somlomo esithi "Phu". Uba ke uligqibile isiko lokuchila. Emveni koko yakukutya kutya okutsha nokuba ukufumana phina.

7. Into ebethwe ngumbane ayityiwa eba Thenjini. Iyanohwatywa ukuze abantu baloo mzi uhlelwe leloo lishwa banyangwe ligqira elikwazi ukunyanga umbane. Kuthi ukuba umbane ubethe emasimini ingavunwa loo ndawo abethe kuyo umbona waloo ntsimi kufuneka engafakwanga esiseleni kuba ingaba ngokwenjenjalo umntu umbela izulu emzini wakhe. Abantu abaninzi badla ngokuba nemilimandlela eliqela emasimini abo ukuze lithi izulu ukuba libethe kwesinye iziqendu ibe ngumbona weso siqendu sodwa ongayi kufakwa esiseleni. Babenako ukumfaka onye esiseleni.

8. Umbane ukhangelwe eba Thenjini ngokuba yintaka yokuthakatha yamagqwira ngoko amagqira ungafika ebetha ngentonga mhlawumbi ehlaba ngomkhonto kuskuthi lanyama umbane.

END. S. 84.